PARLIAMENT
OF THE REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# VAKALISA IZIMVO ZAKHO

## UMTHETHO OYILWAYO WE-ARHENTE YESIZWE YEZISEKO EZINGUNDOQO ZEMITHOMBO YAMANZI [B24B – 2023]:

### IZIPHAKAMISO NEZIMVO ZOLUNTU

IKomiti eKhethekileyo yoLawulo lweNtsebenziswano neMicimbi yeMveli (Amanzi, uGutyulo lweLindle nokuHlaliswa koLuntu) imema amahlakani kunye nabantu abanomdla ukuba angenise izimvo ezibhaliweyo ezimalunga nezinto **zoMthetho oYilwayo we-Arhente yeSizwe yeziSeko ezinguNdoqo zeMithombo yaManzi [B24B – 2023]:**

**Injongo yalo Mthetho uYilwayo:**

- Kukubonelela ngokusekwa kwe-Arhente yoMzantsi Afrika yeziSeko ezinguNdoqo zeSizwe zeMithombo yaManzi njengenkampani karhulumente kunye neziko likarhulumente elikhulu.
- Kukubonelela ngezinto nemisebenzi ye-Arhente; ukubonelela ngolawulo lwe-Arhente ngokutyunjwa kweBhodi ye-Arhente.
- Kukubonelela ngokuqeshwa kweGosa lesiGqeba eliyiNtloko kunye neGosa leMali eliyiNtloko le-Arhente.
- Kukubonelela ngenkxaso-mali ye-Arhente, ingxelo yemali, kunye noxanduva lwe-Arhente.
- Kukubonelela ngokugqithiselwa kweziseko ezingundoqo zemithombo yamanzi yesizwe; ukubonelela ngokugqithiselwa kweTrans-Caledon Tunnel Authority kwi-Arhente.
- Kukubonelela ngokuchithwa kweTrans-Caledon Tunnel Authority; ukubonelela ngamagunya oMphathiswa ngokunxulumene ne-Arhente.
- Kukubonelela ngokwenziwa kwemigaqo kunye nokubonelela ngemicimbi enxulumene noko.

Abantu abanomdla kunye namaqela anqwenela ukuphawula bayacelwa ukuba bathumele iziphakamiso ezibhaliweyo kwiKomiti ungadlulanga **umhla wama-7 ku Ucanzibe wama-2024**.

Amalungu oluntu kunye namahlakani anqwenela ukufumana iikopi yomthetho, anganxulumana nabaShicileli bakaRhulumente abakufuphi kubo okanye uNobhala weKomiti kwiinombolo zoqhagamshelwano eziboniswe ngezantsi.

Zonke iimbalelwano kufuneka zithunyelwe kuMnu TSC Dodovu, uSihlalo: uNobhala weKomiti kuLawulo lweNtsebenziswano kunye neMicimbi yeMveli (Amanzi, uGutyulo lweLindle nokuHlaliswa koLuntu) ize iphawulelwe ingqalelo kuMnu T M Manele, PO Box 15, Parliament, Cape Town, 8000. Iziphakamiso zi gadluliselwa kule dilesi ye-imeyile: **tmmanele@parliament.gov.za** Imibuzo ingathunyelwa kuMnu T M Manele kule nombolo yeselula **083 709 853**4

**Ikhutshwe nguMnu TSC Dodolo, iLungu lePalamente, uSihlalo: uNobhala weKomiti kuLawulo lweNtsebenziswano nemiCimbi yeMveli Amanzi, uGutyulo lweLindle nokuHlaliswa koLuntu)**

**IPalamente - Ukulandelela izibophelelo zethu kuBantu - Ukwenza ikamva lakho lisebenze ngcono**